



## Ixesha lokufunda nokubhala kunye!

Ukuba ukholelwa ukuba abantwana bakho baza kuba ngabafundi nababhali abaphumeleleyo, kwaye uyabaxelela loo nto, nabo baza kukholelwa ukuba bangaba ngabafundi nababhali abaphumeleleyo. Kweli xesha leeholide, ziphe ixesha lokubabalisela amabali nelokufunda nokubhala kunye nabo, ibe baza kuyiva indlela okwanelisa nokunceda ngayo ukukwazi ukufunda nokubhala.



## Time to read and write together!

If you believe that your children will become successful readers and writers, and you let them know this, they will also believe that they can be successful readers and writers. This holiday season, take the time to tell them stories and to read and write with them, and they will experience the ways in which literacy can be satisfying and useful.

### Ukwenza iitheresi ibe yinxalenye yekhaya lakho

- ☉ **Bekela bucala ixesha lokubalisa amabali.** Yonke imihla yiba nexesha lokufunda kunye/ okanye nelokubalisa amabali.
- ☉ **Balisa amabali.** Balisela abantwana bakho amabali, ubavumele iingoma uze ubacengezelele nemibongo oyaziyo. Oku kuhlupheza iingqondo zabo kananjalo kuphuhlise nolwimi lwabo. Waphulaphule nawabo amabali, uze ukhumbule ukubancoma ubakhuthaze.
- ☉ **Sebenzisani ulwimi lwenu lweenkobe.** Amabali okuqala kufuneka abe ngolwimi lweenkobe lwabantwana bakho. Isiseko esilugilima solwimi lwabo lweenkobe sisitshixo sempumelelo yabo ekufundeni – kubandakanywa ukufundwa kokufunda nokubhala – kuba ukuze bafunde kakuhle, kufuneka baqonde kakuhle.
- ☉ **Yiba ngumzekelo.** Bavumele abantwana bakho bakubone ufundela ukuzonwabisa kwanokukhangela ingcombolo yolwazi oluthile.

### Making literacy part of your home

- ☉ **Create a story routine.** Set aside time every day to read and/or tell stories.
- ☉ **Tell stories.** Tell your children stories, sing songs and recite poems you know. This stimulates their imagination and develops their language. Listen to their stories too, and remember to show your appreciation.
- ☉ **Use your home language.** First stories should be in your children's home language. A strong foundation in their home language is the key to all successful learning – including learning to read and write – because to learn well, they need to understand well.
- ☉ **Be a role model.** Let your children see you reading for pleasure and to find information.

### Wonke umntu unendima angayidlala

- ☉ **Khetha amaxesha akhethekileyo anokonwatyelwa lusapho lwakho lonke.** Kanye ngeveki, ilungu losapho ngalinye malibalise ibali ngexesha lesopholo.
- ☉ **Ndwendwelani ilayibrari kunye.** Banike ixesha elaneleyo lokuba bazikrwaqule uze emva koko uncokole nabo malunga nezo bazikhethileyo phambi kokuba bathathe isigqibo sokuba baza kuboleka eziphi na iincwadi.
- ☉ **Phuhlisa ukuzithemba ebantwaneni.** Xabisa amalinge enziwa ngabantwana bakho xa bezama ukuzifundela ngokunokwabo, njengoko usenza xa beqala ukufunda ukuthetha! Baphulaphule uze ubancome nabo badadlanyana xa belinganisa ukuzifundela – kaloku abantwana kufuneka baziphathe okwabafundi ukuze babe ngabafundi beencwadi!



### Everyone has a role to play

- ☉ **Create story times that the whole family can enjoy together.** Once a week, let a different family member tell a story during supper time.
- ☉ **Visit the library together.** Allow plenty of time to browse, then chat to your children about their choices before they make their final decision about which books to borrow.
- ☉ **Develop children's confidence.** Value your children's attempts to read on their own, just like you valued their first words! Also listen to and praise your younger children when they pretend to read – children need to behave like readers to become readers!

### Ukufundisa abantwana bakho ukubhala

- ☉ Qinisekisa ukuba unawo amaphepha, iikhrayoni, iipeni neepensile ekhaya. Zigcine endaweni ekuza kubalula ebantwaneni ukuba bazithathele ngokwabo ukwenzela ukuba bakwazi ukuzoba nokubhala nanini na befuna.
- ☉ Yenzani iincwadi ngokudibanisa amaphepha ngesteyipla inize nibhale amabali nabantwana bakho. Abancinane bona bangazoba imifanekiso.



### Get your children writing


- ☉ Make sure that you have a supply of paper, crayons, pens and pencils at home. Keep them in a place that is easy for your children to reach on their own so that they can draw and write whenever they choose to do so.
- ☉ Make books by stapling blank sheets of paper together and writing stories with your children. Younger children can draw the pictures.

Ungalibali ukuba siza kuthatha ikhefu de kube **yiveki yokuqala kaFebruwari 2024**. Nibe neeholide ezimnandi nize nisijoyine kunyaka omtsha ukuze nifumane ubumnandi obungakumbi bokufunda noNalibali! Okwangoku, ndwendwelani kwiwebhusayithi ethi [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye niithumele ngoWhatsApp igama elithi "stories" kwinombolo ethi 0600 44 22 54 ukuze niqhubeke nifundela ukuzonwabisa!

Don't forget that we will be taking a break until the **first week of February 2024**. Enjoy the holidays and join us in the new year for more Nalibali reading magic! In the meantime, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or WhatsApp "stories" to 0600 44 22 54 to keep reading for enjoyment!



Drive your  
imagination







# Imbewu yokuFunda nokuBhala!

Iiholide ezonwabisayo nabantwana bakho

## Literacy Seeds!

Happy holidays with your young ones



Bazali nani bagcini babantwana abancinci ababekekileyo, iintsapho ezininzi zijonge ekuthatheni uhambo zisiya kwiindawo ezahlukeneyo elizweni ukuze ziye kubona iintsapho nabahlobo ngexesha leeholide zikaDisemba. Xa nicebe kakuhle, nina nabantwana benu abancinci niza kulonwabela nangakumbi uhambo nexesha enilichitha ngingkho ekhaya!

### Amacebiso ngohambo

- ☉ Ceba ukuba nibe neendawo ezingakumbi enemisa kuzo nize nibe nazo nezineksi. Abantwana abancinci abakwazi kuhlala ndawonye ixesha elide njengabantu abadala. Badinga nezineksi ezisempilweni ezinjengeziqhamo ukuze zondle imizimba yabo ekhulayo.
- ☉ Xa nimile ukuze nithe amafutha okanye niye kwizindlu zangasese, fumana indawo ekhuselekileyo abanokubaleka kuyo bedlala baze bakhuphe amandla abo ekukudala evalelekile
- ☉ Pakisha ibhegi encinci yezinto ezingenziwa ngumntwana ngamnye. Quka amaphepha okuzoba okanye ukubhala, amaphepha afakelwa imibala, iipensile neepeni eziyimibalabala. Quka nencwadi yemifanekiso athanda ukuyifunda. Ndvendwela iwebhusayithi yethu ethi [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) ukuze ufumane amaphepha aprintekayo ezinto abanokuzenza namakhadi amabali.



Dear parents and caregivers of young children, many families look forward to travelling to different parts of the country to visit family and friends over the December holiday period. With a bit of planning, you and your young children will enjoy the trip and the time away from home even more!

### Travelling tips

- ☉ Plan for more stops and snacks. Young children cannot sit still for as long as adults. They also need healthy snacks like fruit to feed their growing bodies.
- ☉ When you stop for fuel and toilet breaks, find a safe place for the young ones to run around and get rid of pent-up energy.
- ☉ Pack a small activity bag for



each child. Include some paper for drawing or writing, colouring-in pages, coloured pencils and pens. Also include a favourite picture book to read. Visit our website at [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) for printable activity pages and story cards.

### Qiniseka ukuba abantwana baza kukhuseleka kwindawo enihlala kuyo

- ★ Qiniseka ukuba usana lwakho lunendawo olulala kuyo ethe cwaka nengena umoya ococekileyo. Ibhedlani okanye ikhoti ifanele ibe namacala aza kuthintela usana lungawi ebhedini.
- ★ Ukuba kukho izitepsi, fumana igeyiti okanye omnye umqobo oza kunqanda usana okanye umntwana wakho omncinci angayi ezitepsini.
- ★ Jonga ukuba iindawo zokudlala azinazinto ezihlabayo okanye ezophukileyo ezithe saa.
- ★ Kufuneka kubekho umntu omdala obajongayo abantwana xa bedlala kufutshane namabhakethe anamanzi okanye namadama. Usana lungarhaxwa lusweleke nkqu nakumanzi aziisentimitha ubunzulu.
- ★ Gcina abantwana kumgama okhuselekileyo ukusuka kwiindawo zokuphekela nezokoja inyama.
- ★ Yazi indlela nendawo yokufumana uncedo lwezamayeza msinya.



### Make sure the place that you stay at is safe for children

- ★ Make sure your baby has a set place to sleep that is quiet and has fresh air. The bed or cot should have sides to stop your baby from rolling off the bed.
- ★ If there are stairs, find a gate or other barrier to keep your baby or toddler away from the steps.
- ★ Check that play areas do not have sharp or broken objects lying around.
- ★ An adult needs to watch children when they play near buckets of water or dams. A baby can drown in even a few centimetres of water.
- ★ Keep children at a safe distance from cooking and braai areas.
- ★ Know how and where to find medical help quickly.

(Adapted from Planning holidays with children; <https://raisingchildren.net.au>)

(Ithathwe ku *Planning holidays with children*; <https://raisingchildren.net.au>)



Drive your imagination





## Izinto ezimnandi onokuzenza nabantwana abancinci

liholidi ngamathuba amahle okuchitha ixesha elingakumbi kunye nabantwana bakho. Khumbula ukuba phantse zonke izinto enizenzayo zilithuba lokubabalisela okanye lokuqamba ibali! Ukudlala nako kukhulisa uthelekelelo kubantwana abancinci.

- 1. Indlela enemiqobo.** Sebenzisa iikhushini, imiqamelo, iingubo ezithambileyo neemeti ukuze wenze indlela enemiqobo usana okanye umntwana wakho omncinci angadlula kuyo. Baza kukuthanda "ukutyhubela" kwiibhokisi ezivulwe macala okanye kumatonela enziwe ngeengubo ezibekwe phezu kwezitulo. Rhubuluza kulo mqobo ukuze ubonise umntwana wakho into amakayenze.
- 2. Yenzani ukutya kunye.** Maninzi amathuba okuba iintsana nabantwana abancinci bazame ukutya izinto ezintsha xa beye bancedisa ekuzilungiseni. Xa bekuncedisa ukuxuba, ukugalela nokuphatha izithako, ubuchule babo bokusebenzisa izihlunu zezandla nentsebenziswano yeliso nesandla nazo ziza kuqiniswa. Qamba isicengcelezo, ingoma okanye ibali ngoxa nisenza ukutya. Ngokomzekelo, zenze ngathi uyimvubu xa ukhamisa kakhulu ukuze utye isneki.
- 3. Zenzeleni izinto zokudlala.** Sebenzisa izinto zemihla ngemihla ezinokufunyanwa ekhaya, njengesiqwenga semathiriyali, iwulu namaqhosha, ukuze uzenzele izinto zokudlala nemidlalo. Sebenzisa ezo zinto zokudlala uzenzileyo ukuze ubalise ibali.
- 4. Yenza ishowu.** Abantwana bayayithanda imidlalo yokuzenza abanye abantu okanye izinto! Ukwenzela intsapho nabahlobo ishowu kunika abantwana izizathu ezihle zokunxiba, ukuthetha okanye ukucula ezona zicengcelezo neengoma bazithandayo, kwaye bajayive. Kwaye ayikho into ethandwa ngabantwana abakubudala bonke njengokubona abantu ababathandayo bebantonyela kwaye bebaqhwebela izandla.

## Fun activities with young children

Holidays are wonderful opportunities to spend more time with our children. Remember that almost every activity is an opportunity to tell or make up a story! Play also builds the imaginations of young children.

- 1. An obstacle course.** Use cushions, pillows, soft blankets and mats to make an exciting obstacle course for your baby or toddler to move through. They will love going "through" boxes that open at each end or tunnels that are made with blankets draped over chairs. Crawl through the obstacle course to show your little one what to do.



- 2. Make a meal together.** Toddlers are more likely to try new foods if they have helped to prepare them. When they help you to mix, pour and handle ingredients, their fine motor skills and hand-eye coordination will also be strengthened. Make up a rhyme, song or story about food while you make the meal. For example, pretend to be a hippopotamus when you open your mouth wide to eat a snack.

- 3. Make your own toys.** Use everyday items that can be found at home, like pieces of material, wool and buttons, to make your own toys and games. Use the toys that you make to tell a story.

- 4. Put on a show.** Children love playing make believe! Putting on a show for their family members and friends gives young children the perfect reason to dress up, say or sing their favourite rhymes and songs, and dance. And children of all ages love nothing more than to see and hear their loved ones cheering and clapping for them.

## Ezinye izinto ezimnandi ezingenziwa!

- ★ Yiyani kwipikniki. Faka isidlo senu sasemini ebhegini nize niye kukutyela epakini okanye egadini yakho. Yiza nezinto zokudlala ezithandwa ngabantwana bakho epiknikini.
- ★ Yiyani kwiindawo zokukhempisha. Yakha intente ngeengubo nangamashiti. Intente yindawo emnandi yokufundela neyokubalisa amabali!
- ★ Yenzani igadana encinci. Phawulani indawana encinci egadini apho abantwana bakho bengazenzela igadi yokudlala engaphandle kwesakhiwo. Tyalani iintyatyambo, iherb, ispinatshi okanye naziphi na ezinye izityalo ezikhula msinya. Beka amacephe amadala ukuze bembe ngawo, iikhonteyina zokutyala nezilwanyana zokudlala zeplastiki egadini.

(Ithathwe kwi-Ideas on keeping your kids stimulated & entertained this holiday!; Things to do in Cape Town With Kids Magazine; <https://thingstodowithkids.co.za>)



## More fun things to do!

- ★ Go on a picnic. Pack your lunch and enjoy it at the park or in your garden. Bring your children's favourite toys to the picnic.
- ★ Go camping. Build a tent with blankets and sheets. A tent is a great place to read and tell stories!
- ★ Make a garden patch. Mark out a small patch in the garden where your children can create an outdoor play garden. Plant flowers, herbs, spinach, or any other plant that grows quickly. Place old spoons for digging, containers for planting and plastic animal toys in the garden.

(Adapted from Ideas on keeping your kids stimulated & entertained this holiday!; Things to do in Cape Town With Kids Magazine; <https://thingstodowithkids.co.za>)





# Sebenzisa ubugcisa bakho!

Yenza iipapethi zezinambuzane ngeroli yethoyilethi pheyipha

**Get creative!**

Make toilet roll bug puppets



**Izinto oza kuzidinga:** iityhubhu zeroli yethoyilethi pheyipha, isikere, iphepha elingabhalwanga okanye elingumbala, iikhoki, iglu, iglitter, iwulu, amaqhosha okanye amaso

**You will need:** toilet roll tubes, scissors, plain or coloured paper, kokis, glue, glitter, wool, buttons or beads

1.



Inyathelo 1. Khettha ukuba ufuna ukwenza eyiphi ipapethi.

Step 1. Choose which bug puppet you want to make.

2.



Inyathelo 2. Peyinta iityhubhu yethoyilethi pheyipha ngombala owufunayo okanye uyisongele ngephepha lombala.

Step 2. Paint the toilet roll tube in the colour you want or wrap it with coloured paper.

5.



Inyathelo 5. Sika iimpiko, uzifake umbala uze uzincamathelise kwiipapethi zakho zezinambuzane.

- ★ Kooqongothwaye, sika isazinge esikhulu esiqingatheni.
- ★ Kwiinyosi, sika izazinge eziphakathi.
- ★ Kumabhabhathane, sika oonxantathu abanamacala ajikayo.

Hombisa izinambuzane zakho ngeglitter, amaqhosha, amaso newulu.

Step 5. Cut, colour and paste wings on your bug puppets.

- ★ For ladybirds, cut a big circle in half.
- ★ For bees, cut medium-sized circles.
- ★ For butterflies, cut triangles with curvy sides.

Decorate your bugs with glitter, buttons, beads and wool.

3.



Inyathelo 3. Sika izazinge ezibini ezincinci zephepha elimhlophe uze uzobe amachaphaza amabini abe ngamehlo, okanye usebenzise izitika zeegogly eyes. Ncamathelisa amehlo kufutshane nomphezulu wepapethi yakho.


Step 3. Cut two small circles of white paper and draw big dots for eyes, or use googly eye stickers. Paste the eyes near the top of your puppet.

4.



Inyathelo 4. Sika iimpondo kwiphepha elimnyama uze uzincamathelise ngaphakathi kumphezulu weroli yephepha.

Step 4. Cut two antennae from black paper and paste them inside the top of the paper roll.



**Yandisa ithala lakho leencwadi.**

Zenzele iincwadana **EZIMBINI** onokuzisika-ze-uzigcine

1. Khupha iphepha lesi-5 ukuya kwele-12 kolu hlelo.
2. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwelesi-5, elesi-6, ele-11 nele-12 lwenza incwadi yokugala. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwelesi-7, elesi-8, ele-9 nele-10 lwenza eyesibini incwadi.
3. Sebenzisa uxwebhu ngalunye kula mabini ukwenza incwadana. Landela imiyalelo engezantsi ukwenza incwadi nganye.
  - a) Songa uxwebhu phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
  - b) Phinda ulusongwe phakathi kwakhona ulandela umgca wamachaphaza aluhlaza.
  - c) Sika ke ngoku ulandela imigca yamachaphaza abomvu.



**Grow your own library.**

Create **TWO** cut-out-and-keep books

1. Take out pages 5 to 12 of this supplement.
2. The sheet with pages 5, 6, 11 and 12 on it makes up one book. The sheet with pages 7, 8, 9 and 10 on it makes up the other book.
3. Use each of the sheets to make a book. Follow the instructions below to make each book.
  - a) Fold the sheet in half along the black dotted line.
  - b) Fold it in half again along the green dotted line.
  - c) Cut along the red dotted lines.




Drive your imagination



“Lo msebenzi ubalulekile kakulu. Niza kudinga okwaziyo ukugqibela onyuke ngokukhawuleza,” watsho. “Ngukgabo!” satsho esi sithathu ngaxeshanye. “Kunjalo” waphendula. “Ndifuna ukuba le nkawu ithandekayo indilande zonke ilamuni ezinde kumasebe aphezulu kowona mthi mkhulu weelamuni. Tshoswane, unamandla ngokwaneleyo aza kukunceda ukwehla nazo. Hamba nokgabo. Nina nobabini,” uMama uMortubi watsho, esalatha uMmunda noKamošwe, “ndifumanalelani zonke iingcambu zeyinja elunxwemeni lomgobhozo, ndawonye neminti. Mina ndiza kugcwalisisa imiphanda ngamanzi abandayo asemthonyeni adingekayo ekwenzeni umxube.”

“This operation is very important. You're going to need the fastest climber,” she said. “Kgabo!” the three said in unison. “Indeed,” she replied. “I need that lovable monkey to get me all the exotic lemons in the highest branches of the giant lemon tree. Tshoswane, you're strong enough to carry them down. Go with Kgabo. The two of you,” Mme Morubisi said, pointing to Mmunda and Ramošwe, “get me all the ginger roots at the edges of the swamp, along with mint. And I'll organise the gallons of cold spring water needed for the elixir.”



This story is an adapted version of *Christmas elixir* published by Cadbury in partnership with Nalibali as part of the Cadbury Dairy Milk #InOurOwnWords initiative. Each story is available in the eleven official South African languages. To find out more about the Cadbury Dairy Milk #InOurOwnWords initiative titles, go to <https://cadbury.one/library.html>.

Eli bali yinguqulelo elungiselelweyo ka-Umxube weKrisimesi olichiza epapashwe nguCadbury ebambisene noNalibali njengenxalenye yephulo lika-Cadbury Dairy Milk #InOurOwnWords. Ibali ngalinye lifumaneka ngeelwimi ezili-11 ezigunyazisiweyo zoMzantsi Afrika. Ukufumanisa ngakumbi ngezihloko zephulo lika-Cadbury Dairy Milk yiya ku-<https://cadbury.one/library.html>.

### Get story active!

- ★ What special drink would you make on a hot day? Write your list of ingredients and your method. Give your special drink a name.
- ★ If you could make a magical potion, what would happen to someone who drank it? What would you use to make the potion?
- ★ Make toilet roll puppets of Ntate Pidipidi, Ntate Segwagwa and Ntate Hlogo (see page 4). With your friends and family, take turns to use the puppets to role play each character as you sing your favourite songs!

### Yenza ibali linike umdla!

- ★ Sesiphi isiselo esikhethekileyo obungasenza ngemini ekutshisayo ngayo? Bhala uludwe lwakho lwezithako nendlela obuza kuyenza ngayo. Sithiye igama isiselo sakho esikhethekileyo.
- ★ Ukuba ubungenza iyeza elinobugqi, belingenza ntoni kumntu oliselayo? Ubungasebenzisa ntoni ukuze wenze elo yeza?
- ★ Yenza ipapethi kaTat' uPidipidi, uTat' uSegwagwa noTat' uHlogo ngeroli yethoyilethi phezipha (jonga iphepha 4). Wena nabahlobo nentsapho yakho, tshintshanani nisebenzise ipapethi ukuze nizenze aba balinganiswa njengoko nicula ingoma eniyithandayo!

Nalibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)



Drive your  
imagination

UNalibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendeliselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha eziithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)

“Oh,” said Mme Morubisi. “Performing to a packed crowd in this heat is going to be a disaster indeed! I’m making a powerful elixir that will quench the thirst ...” But before she could finish, Mmunda interrupted: “Yes, a magic potion that will numb the audience’s senses to the terrible singing! Genius.” That’s not at all what Mme Morubisi intended. However, the heat ensured that the three weren’t in any mood to listen. Still, she was determined to help. “Ovu,” watsho uMama uMortubi. “Ukuculela abantu abamini kwelli langa kungayingozu ngokwenene! Ndenza umxube onamandla kakulu wokuthoba umxano ...” Kodwa ngaphambi kokuba agqibe ukuthetha, waphazamisisa uMmunda. “Ewe, iyeza eliza kwenza ukuba izivamvo zababukele zibe buthuntu, zingabuya obo buyilo! Uyinkcubabuchopho.” Le asiyo le nto uMama uMortubi ebeyithetha. Kodwa, ubushushu baqinisekisa ukuba esi sithathu asizimisela nje kwaphela ukuphulaphula. Nangona kunjalo, wayesazimisela ukunceda.





## Umxube weKrisimesi olichiza

Bandile Sikwane • Elizabeth Sparg

**Ideas to talk about:** A special drink can make people feel better. In this story the special drink is supposed to be magical. Do you think that a drink can be magical? If you could make a magical drink, what would it do?


**Izinto eninokuthetha ngazo:** Isiselo esikhethekileyo sinokwenza abantu bazive bhetele. Kweli bali isiselo esikhethekileyo simele sibe nobugqi. Ucinga ukuba ingenzeka into yokuba isiselo sibe nobugqi? Ukuba ubungakwazi ukwenza isiselo esinobugqi, besingenza ntoni?





Mme Morubisi watched and worried over the preparations for the Festive Show. It was the day before Christmas and forest folk were arriving from far and wide. Unaware of the crisis, they brought with them the excitement of the silly season.

UMama uMorubisi wabukela enexhala ngamalungiselelo oMboniso wokubhiyozela iKrismesi. Yayilusuku olungaphambi kweKrismesi kwaye abantu basehlathini babethontelana besuka mbombo zone zehlabathi. Beza nayo yonke loo mincili yexesha lemibhiyozo, bengayiqondanga ingxaki ekhoyo.



Seeing Kgabo glide up the enormous lemon tree was a sight to behold. He moved with such speed that even the heat stopped as if to marvel. His hands, feet and tail were perfectly choreographed. Tshoswane was equally impressive with his climb. His six legs and strong body kept pace with the monkey. He was even more impressive descending effortlessly, carrying what appeared to be tonnes of tasty lemons. The ginger and mint collection went well too. Ramošwe and Mmutla high-fived each other. Everyone waited eagerly for Mme Morubisi to mix all the ingredients together and say the incantation that – they hoped – would make everyone not notice the terrible singing. “Love and light quench our thirst and make this Christmas Day one of light and love,” she chanted.

“This is the best Festive Show, and the best Christmas Day, ever. Season’s greetings and congratulations to you,” Kwena told Mme Morubisi.


Ramošwe, Mmutla, Tshoswane and Kgabo turned and stared at Mme Morubisi. “You planned the show?”

“Yes, but not the weather, dears. Not the weather. But do enjoy the elixir, and season’s greetings to you too, Ntate Kwena,” she said with a relieved smile.

“Lo ngowona Mboniso weKrismesi wakha wancomeka, kwanolona Suku lweKrismesi lwakha lwamnandi, ebomini. Iminqweno yexesha lonyaka emihle kuwe kwaye ndiyavuyisana nawe,” watsho uKwena kuMama Morubisi.

URamošwe, uMmutla, uTshoswane noKgabo bajika bajonga uMama uMorubisi. “Nguwe ocwangcise lo mboniso?”

“Ewe, ngaphandle kwemozulu, bantwana bam. Ngaphandle kwemozulu. Kodwa ke niwonwabele umxube, nakuwe Tata uKwena, iminqweno emihle yexesha lonyaka,” watsho ngoncumo olubonakalisa ukuxola emphefumleni.





UMama uSmuts wazikhuphela kweyona pleyiti yakhe intle iisoseji wazibeka ekhabhathini. Wayeyazi kakuhle into awayeza kuyenza ngazo. Wayeza kwenza eyona yakhe yamandi Chakalaka aze akugqiba anqunge iisoseji azizamisele kuyo. Ngalo ndlela yayiza kuba ngathi zininzi kakhulu.



Mama Smuts laid out the plump, pink sausages on her prettiest plate and put them in the cupboard. She knew exactly what she would make with them. It was to be her best-ever chakalaka and then, at the last minute, she would cut up the sausages and stir them in. That way, they would seem to go further.

Papa Smuts catches a big juicy fish for supper, but then swaps it for some plump sausages. The whole family can't wait to eat the delicious sausages for supper! But what has Mama Smuts done with them?

This story was specially created for Nal'ibali – a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading.



UTata uSmuts ubambisa intlanzi enkulu emnandi ukuze ityiwe ngokuhlwa, kodwa emva koko uyitshintsha ngeesoseji ezinkulu. Yonke intsapho iginya ingwiqi ilinde ukutya iisoseji ezimnandi ngokuhlwa! Kodwa uzenze ntoni uMama uSmuts?

Eli bali belibhalelwe ngokukhethekileyo uNal'ibali – iphulo likazwelonke lokufundela ubumnandi ukuze lokuvuselela izakhono abasenokuba banazo abantwana ngokubalisa amabali nangokufunda.

### Get story active!

- ★ What would you prefer eating, fish or sausages? Why?
- ★ Imagine that you are going to prepare a feast for your family. Make a list of the food you would make.
- ★ Now draw a picture of a festive table.

### Yenza ibali linike umdla!

- ★ Ubungakhetha ukutya ntoni, intlanzi okanye iisoseji? Ngoba?
- ★ Masithi uza kulungiselela intsapho yakho isidlo. Yenza uludwe lokutya obuza kukwenza.
- ★ Ngoku zoba umfanekiso wetafile ebangela imincili.

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)




UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha eziithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)



Drive your  
imagination

Kwabakho uchulumanco olukhulu xa uTata uSmuts axelela uMama uSmuts, uSannie noFrikkie malunga nosuku lwakhe lwethamsanga. Kwakungathi uze nobutyebi ekhaya kwaye ke ngokwene wayeze nabo, ngenye indlela.

There was such excitement when Papa Smuts told Mama Smuts, Sannie and Frikkie about his lucky day. It was as if he had brought home treasure and, in a way, he had.



## The feast



## Isidlo

Jude Daly • Jiggs Snaddon-Wood

**Ideas to talk about:** Have you ever had a feast at home or at someone else's house? What did you eat? Does there have to be lots of expensive food for a meal to be a feast? What do you think?


**Izinto eninokuthetha ngazo:** Ngaba wakha wanesidlo kowenu okanye kwikhaya lomnye umntu? Nanisitya ntoni? Ngaba kufuneka kubekho ukutya okubiza imali eninzi ukuze kubekho isidlo? Ucinga ntoni?



“Kunganyani,” kubuza uMatiya, “xa uthatha enye into eyohlukileyo ugoduke nayo, into efana nesoseji? Ayinakuba yinto emandi na leyo?” UTata uSmuts wacinga umzuzwana, kodwa yaba ngumzuzwana nje kuphela kuba iisoseji zazikhangeleka zimandi ngokwene! Ngoko ke, uMatiya noTata uSmuts batshintshiselana waze uTata uSmuts wakhawuleza ukugoduka.

Papa Smuts hurried on home. good! So Maria and Papa Smuts did a swap and for a moment because the sausages did look

moment, but only thought for a Papa Smuts be a real treat?” Now wouldn’t that these sausages? something like different home, took something Maria, “you “What if,” asked



Papa Smuts was a fisherman. But, fish were not as plentiful as they used to be and some days he came home empty-handed. Then poor Papa Smuts would feel really downhearted.


UTata uSmuts wayengumlobi. Kodwa, iintlanzi zazingeninzanga njengokuba kwakunjalo kudala kwaye ngezinye iimini wayekhe abuye nelize. Xa kunjalo, isiaram esinguTata uSmuts sasiye sizive sikhathazeke kakhulu.

UMama uSmuts wanguqqa, esika izilayi, wacukuceza, eqhola, encediswa nguSannie noFrikkie.



Mama Smuts chopped and sliced, diced and spiced, with the help of Sannie and Frikkie.

But then she thought, “Sausages for breakfast. What a treat!”



Kodwa wabuya wacinga, “Iisoseji sisidlo sakusasa. Kuza kuba mnandi kakhulu!”



Emva koko, lo gama uMama uSmuts wayesongeza intwana yale aze agalele kakhulu leya, uSannie noFrikkie bancedisa uTata uSmuts ukulungiselela isidlo sangokuhlwa itafle ngokukha iintyatyambo zokuyihombisa.



Then, while Mama Smuts added a little bit of this and quite a lot of that, Sannie and Frikkie helped Papa Smuts set the table and pick a bunch of wild flowers to go on it.



Mama Smuts went quietly over to the kitchen cupboard. She covered up the plump, pink sausages and wondered how she could possibly have forgotten them.

UMama uSmuts waya ekhabhathini esekhithshini ngokukhawuleza. Wazigquma ezo soseji zipinki ziqumqum, wabe emangalisiwe ukuba uzilibele njani ukuzizamisela kwiChakalaka yakhe.

Wathi xa uTata uSmuts edlula esitendini sikaMatiya, uMatiya wambuza esithi, “Ungandibiza malini ngaloo ntlanzi?” “Uxolo Matiya,” watsho uTata uSmuts, “Ie yeyesidlo sethu sangokuhlwa.”



As Papa Smuts passed Maria’s farm stall, she called out, “How much for the fish?” “Sorry, Maria,” said Papa Smuts, “but this one is for our dinner.”

Wathengisa ezine waza enye wayigcina ukuze agoduke nayo khon’ ukuze ilungiselelwe isidlo sangokuhlwa.



One lucky day, Papa Smuts caught five fish. He sold four and kept one to take home for dinner. Ngenye imini yethamsanqa, uTata uSmuts wabambisa iintlanzi ezintlanu. Wathengisa ezine waza enye wayigcina ukuze agoduke nayo khon’ ukuze ilungiselelwe isidlo sangokuhlwa.



That’s when Mama Smuts would give him a big hug and say, “We’ll make ends meet.” And Sannie and Frikkie would add, “We always do, Papa.” And somehow they always did because ...

Xa kunjalo uMama uSmuts wayeye amange aze athi, “Kuza kulunga, soze silale singatyanga.” USannie noFrikkie babeye bongeze ngelithi, “Icebo liyazakha Tata, zange silale singatyanga.” Ngokwenene kwakusoloko kunjalo kuba ...



Kwaye akukho namnye, nditsho omnye nje kuphela, owayekwazi ukugqula ezona tumato zibomvu, iipepile eziluhlaza, iminqathe ekram kram kunye nekhaphetshu eligramgram zibe sisidlo esimnandi ukodlula uMama uSmuts, encediswa nguSannie noFrikkie!



And no one, absolutely no one, could turn the reddest tomatoes, the greenest peppers, the crunchiest carrots and the crispiest cabbage into a more scrumptious meal than Mama Smuts, with the help of Sannie and Frikkie!



... no one could grow redder tomatoes, greener peppers, crunchier carrots and crispier cabbage than Papa Smuts, with the help of Sannie and Frikkie.

... akukho namnye owayelima iitumato ezibomvu, iipepile eziluhlaza, iminqathe ekramkram kunye nekhaphetshu eligramgram ukodlula uTata uSmuts, encediswa nguSannie noFrikkie.

Waze, “Ah mh, ah, mh!” watsho uTata uSmuts, “Andikhange ndicingele ukuba inokwenzeka, kodwa le ichakalaka yeyona ingcono kunowakha wazenza. Ezaa soseji zenze umahluko omkhulu!”



And, “My, oh my . . . oh my!” said Papa Smuts. “I did not think it was possible, but this chakalaka is better than your best. Those sausages made all the difference!”

“Mh, mh!” kutsho uFrikkie. “Mh!” kutsho uSannie. lesidlo. Esinjani sona! Ekugqibeleni lafika ixesha




said Frikkie. “Mmm, mmm!” “Mmm!” said Sannie. a dinner! dinnertime. And what And then, at last, it was




Mama Smuts said nothing. But, if Papa Smuts, Sannie and Frikkie had not been so busy tucking into seconds, they might have heard her let out a little gasp.

UMama uSmuts zange athethe. Kodwa, ukuba uTata uSmuts, uSannie noFrikkie babengaxakekanga besitya ukutya abazongeze kona ngebabemvile xa wayesenza isingqala.





Ukubukela uKgabegwenela kuloo mthi mkhulu weelamuni yayingumbono omhle. Wagwenela ngokukhawuleza okwenza kwangathi nobushushu nabo bakhe bema bubukele lo mmangaliso. Izandla, iinyawo nomsila wakhe zazihambelana ngeyona ndlela iyondeleleneyo. U'Tshoswane yayincomeka naye indlela agwenela ngayo emthini. Imilenze yakhe emithandathu nomzimba wakhe owomeleleyo zamenza akashiyekela kwinkawu. Wayebukeka nangakumbi xa esehla ngokungathi oko akuyonto ethwele umthwalo obonakala ngathi zitioni zeelamuni ezinencasa. Ukugokelelwa kweinja neminti nako kwahamba kakuhle. URamošwe noMmutla baziqhwabela izandla. Bonke babetshiseka belinde uMama uMorubisi ukuba adibanise zonke izithako aze acengceleze sicamagusho – ababenethemba lokuba – siza kubenza bonke bangabupapheli ubuyilo babo baculayo. "Luthando nokukhanya, susani unxano lwethu nize niwenze olu Suku lweKrisimesi lube lolokukhanya nothando," wacamagusha watsho.




Ramošwe, Mmutla and Tshoswane were very confused.

The three were convinced the elixir had failed and that Mme Morubisi had lost her touch. But it soon dawned on them that sometimes 'tis the season to be jolly and be silly with friends and family. And when that happens, you don't care about the quality of the singing. The owl was quite wise, after all.

URamošwe, uMmutla noTshoswane babebhidekile kakhulu.

Esi sithathu sasiqinisekile ukuba umxube kaMama uMorubisi awusebenzanga kwaye naye uphelelwe. Kodwa baphinda bayiqonda into yokuba eli lixesha lokonwaba niyekelele imixakatho nabahlobo nosapho. Kwaye xa kusenzeka oko, awubi naxesha lendlela ekuculwa ngayo. Kuthe kanti isikhova sasisisilumko ngokwenene.



"Hello, you three, what's the hurry?" Mme Morubisi asked in her cheeky but gentle way.

"Christmas will be completely ruined!" blurted out Tshoswane, hunched over and panting from his run.

"Oh dear," said the seemingly all-knowing Mme Morubisi, not concerned at all.

"Nate Pidipidi, Segagwa and Hlogo have formed a trio called Killing Them Softly and they're going to perform at tomorrow's Festive Show," explained Ramošwe. "We don't know who organised this thing, what they were thinking, or if they were thinking at all, when they booked these three. Think of the audience's ears! It must be stopped."

The scorching sun had been relentless. It beat down hard on the enchanted swamp. It had been a while since the waters came down from the clouds up above. Everything in Kgakala-Kgakala, the magical land far-far away, yearned for a sip of rain.

The owl knew if it didn't rain by nightfall, it would be a disaster for the Christmas festivities.

Guests chattered among themselves about this year's entertainment. "I heard they've secured a trio whose sweet serenade is going to blow us all away!" said Kwena the gruff and giddy crocodile.

"I heard it's going to be epic, out of this world," Kubu the hippo replied with a knowing chuckle.

Ilanga nalo lalingayekanga ukutsho ngengqatsini yalo. Latsho kabuhlungu kwimigxobhozo echwayitisayo. Lalisele lilied kakhulu ixesha igqibele ukuna imvula esuka phezulu emafini. Yonke into eKgakala-Kgakala, umhlaba wemilingo okude, nayo yayilangazelela ithontsana lemvula.

Isikhova sasisazi ukuba ukuba ayinanga ngobo busuku, imibhiyozo yeKrisimesi yayiya kuba sengxakini.

Iindwendwe zazizincokolela malunga nemibhiyozo yalo nyaka. "Ndivile ukuba bazise isithathu esiza kutsho ngomyoli umculo lo oya kusitsho sithi ntii iindlebe!" watsho uKwena uxam onkone

"Ndivile ukuba iya kuba luncuthu mazangwa, olungazange lwabonwa kweli," waphendula watsho uKubu imvubu, esitsho ngaloo ntsinana yakhe eyalatha ulwazi.





“Don’t you think the name is trying to tell us something?” Mmudla, a clever rabbit, asked with a wry smile.

“I really think they intend on killing people softly with their so-called singing,” retorted Ramošwe, a pretty squirrel with an enormous bushy tail.

“We need to put an end to this. Immediately!” declared T shoswane, the immensely strong ant.

“Agreed,” said Ramošwe. “Look at all of them. They are so excited. They have no idea what a terrible thing they are about to hear.”

“I say we run to Mme Morubisi. She’ll know what to do,” suggested T shoswane.

“Kodwa anicabangi nje ukuthi kwaleli gama lizama ukusitshela okuthile?” uMmudla, umogwaja ohlakanihile, wabuza ngokumamatheka okusakubhuga.

“Ngicabanga ukuthi ngeempela bahlose ukubulala abantu kancane kancane ngalokhu abathi ngumculo wabo,” kuphakamisa uRamošwe, ingwejeje enhle enomsila omkhulu onoboya.

“Kumlele sikuvimbe lokhu. Njengamanye!” kumemezele uT shoswane, intuthwane enamandla ngokwedlulele.

“Bazosomela uKhisimusi phela!”

“Kunjalo,” kusho uRamošwe. “Awubabheke bonke nje. Banesasasa elikhulu. Abazi nokuthi kubi kangakakamani lokhu asebezokuzwa.”

“Ngithi asigijimeni siye kuMlama

uMorubisi. Uzokwazi yena ukuthi kumlele kwenziweni,” kuphakamisa uT shoswane.



Last year, Mme Thaha had sung so beautifully, everyone decided the Festive Show should be held every year. But this year the heatwave gave her heatstroke, and she had to pull out at the last minute.

Ntate Pidipidi and Ntate Segwagwa pounced at the opportunity to fill in as replacements.


It’s just that Ntate Pidipidi’s singing was truly terribly atrocious in every way. It was matched only by that of Ntate Segwagwa. Together they were the worst singing duo in the entire universe. However, for this year’s soiree, they had outdone themselves. They found an *even worse* singer, Ntate Hlogo – a gigantic shoebill. Together they formed a trio aptly called Killing Them Softly.

Kunyaka ophelileyo uMama uThaha wayecule kamnandi, baze bonke bathatha isigqibo sokuba uMboniso weKrisimesi mawube khona unyaka nonyaka.

Kodwa umsinga womoya otshisayo wakulo unyaka umbethe ngokushwabana okudalwa bubushushu, kwaze kwanyanzeleka ukuba arhoxe ngomzuzu wokugqibela

UTata uPidipidi noTata uSegwagwa balibamba ngazo zombini elo thuba lokuvala eso sikhewu.

Ingxaki nje yayikukuba uTata uPidipidi uleliya lona iyilo elinganyamezelekiyo nokuba kungathiwani na. Ubuyilo bakhe babuhambelana nobo bukaTata uSegwagwa. Bobabini babesesona sibini sicala kakubi kwihlabati liphela. Kodwa, kulo msitho walo nyaka, bagqwese ngolona hlobo lugqithisileyo. Bazifumanela *eliya lokugqibela lona* iyilo, uTata uHlogo – inxanxadi elikhulu kakhulu. Badibana benza iqela labathathu elazibiza ngelona gama lifanelekileyo elithi Killing Them Softly.



When Christmas Day arrived, it brought with it unbearable heat. The parched crowds drank Mme Morubisi’s refreshing elixir.

But by the start of the show, the clouds suddenly started rolling in. They gently let go of their water, cooling the crowds below, who were busy marvelling at the most horrible singing they’d ever heard.

They stayed enthralled by the monstrosity they were hearing. They even laughed and cheered.


Ntate Pidipidi, Segwagwa and Hlogo were still bowing, enjoying the applause.

Xa lufika uSuku lweKrisimesi, lwafika nobona bushushu bunganyamezelekiyo. Loo miqodi ikhothekileyo yasela umxube odlamkisayo kaMama uMorubisi.

Kodwa kuthe kuqalisa umboniso, amafu akhawuleza ahlanganisana. Aze awathulula loo manzi wawo, apholisa indimbane yabantu esezantsi, ababonwabele owona mculo wamayilo ababekhe bawuva.

Bahlala bethabathekile ngulo mxokozo womculo ababewuva. Bade bahleka nokuhleka beqhweba nokuqhweba.

UTata uPidipidi, uSegwagwa, noHlogo babesanqwala, bevuyele ukuqhwyatylwa izandla.





qala  
start



**Indlela yokuwudlala:**

- 1 Umhalali ngamnye urnele ophose ingqekembe yemali okanye ilinge elincinane kwiintani isi-6 edovisini ukuzae aqalise.
- 2 Emva koko isitshishanani ngokuphosa ingqekembe yemali okanye ilinge edovisini. Hambise iphosha lakho ziziluba ezilungana nelo nani.
- 3 Landela imyalelo ekwisiiluba ofike werna kuso.
- 4 Umhalali wokugqala ukufika kwindawo ethi: **Ugqibele!** nguye ophumeleleyo.

**Cut out the game board and number wheel above. Paste it on some cardboard and cover it with plastic to keep it clean.**

1. Each player must toss a coin or small stone onto number 6 of the wheel to start.
2. Then take turns to toss the coin or stone onto the wheel. Move your button that number of squares. Follow the instructions in the square you land on.
3. The first player to reach **Finish** is the winner.



Ugqibile  
Finnish





# UNobukhwebezane, inkosazana yamanzi



Libhalwe nguLuyanda Sikhakhane Imizobo izotywe nguNatalie noTamsin Hinrichsen

Qho ngonyaka, ngoDisemba, yayisiba lixesha lomsitho weKwanzaa – ixesha lokudibana kweentsapho zize zitye kunye kwaye ziphane izipho. Ibe qho ngolu suku, uKhwezi, uLubo noMalaika babeye bavuke ngeni ixukuxa baye emlanjeni. Endleleni, babeye bacule iingoma ezimnandi baze bakhe amaqunube.

La mantombazana mathathu ayesoloko enemincili kakhulu, kuba ngolu suku, ayeza kufumana inkosazana yamanzi, uNobukhwebezane, ibalinde emlanjeni. Njengoko besondela, babesiva elo lizwi lakhe limyoli licula:

*"Ma-Afrika phakamani ... iKwanzaa ifikile!"*

*Siphana izipho ezihle ... sibonisane ukuba siyathandana!"*

*Yizani neziqhamo, inyama namarhewu.*

*Masityeni, sibhiyoze kunye ... bonisanani ukuba niyathandana!"*



La mantombazana ayehlala eludinini lomlambo aze amamele le ngoma. Emva koko, xa kuphuma ilanga, uNobukhwebezane wayewanika iibhaskithi ezizele imifuno neziqhamo ukuba bagoduke nazo xa bebuyela elalini.

*"Usale kakuhle, Nkosazana Yamanzi!"*

babeye bakhwaze besitsho njengoko bebaleka begoduka ukuze abantu belali bakwazi ukulungisa isidlo semibhiyoze yeKwanzaa.

Kodwa ikho into eyayisoloko imkhathaza uNobukhwebezane. "Inoba kutheni la mantombazana engakhe andibulele nje xa ethatha iibhaskithi zeziqhamo nemifuno?" wayezibuza atsho xa ehleli yedwa.

Elalini, bonke abantu babeye badibane komkhulu kwikhaya lenkosi, benxibe imibala embejembeye. Ngaphandle kweziqhamo nemifuno evela kwinkosazana yamanzi, abantu belali babeye baqokelele imigubo nenyama, baze bapheke kunye njengoko abantwana bedlala.

Emva kokuba betyile, abantu belali babephana izipho, baze bacule kwaye baxhentse nokuxhentsa. Abanye abantu babeshintshisana bebalisa ezona ntsomi bazithandayo.

Ngomnye unyaka, xa kufika iKwanzaa, uKhwezi, uLubo noMalaika bavuka baza bakhawuleza besiya emlanjeni njengesiqhelo, becula kwaye besikha amaqunube endleleni. Xa besondela emlanjeni, babona ukuba kukho into engahambi kakuhle. Babengamva ecula uNobukhwebezane.

"Ngaba uNobukhwebezane usalele na bethu?" wabuza uMalaika.

"Mhlawumbi akaziva mnandi," watsho uKhwezi.

"Mhlawumbi ulibele ukuba iqala namhlanje iKwanzaa," watsho uLubo.

Xa befika emlanjeni, uNobukhwebezane wayengabonakali nangetshengele.

Ngesiquphe, kwathi gqi ukukhanya okuphandlayo. Emva koko, kwavakala ilizwi elikhawazayo eloyikekayo lisithi, "Nabani na xa ephiwa into umele athi enkosi! Yimbeko leyo!" Emva koko ukukhanya kwathi shwaka, kwashiyeka ilanga eliphumayo libonakala mgama. La mantombazana aziva ebuhlungu xa esiva into awayelibele ukuyenza.

"Asikhe simbulele uNobukhwebezane ngeziphobu zeKwanzaa! Sisoloko sihamba singxamile," watsho uLubo edanile.

Bebuhlungu, bathi nyosho-nyosho behamba begoduka.

"Siza kuthini xa sifika elalini singaphethanga nto?" wabuza uMalaika.

UKhwezi wajika wajonga abahlobo bakhe wathi, "Zihlobo, ... masijikeni siye kucela uxolo kwinkosazana yamanzi."

"Kodwa uNobukhwebezane akafuni nto imdibanisa nathi nje. Akafuni nokusibona!" watsho uLubo eziva ephelile lithemba.

"Nam ndivumelana noKhwezi," watsho uMalaika. "Kufuneka sijike siye kucela uxolo. Kwanokuba sifika engekho uNobukhwebezane phaya, singashiya umyalezo wakhe entlanzini."

"Unyanisile," watsho uLubo, eqalisa ukuziva ebhetele. "Ndinecebo, xa sibuyela emlanjeni, masikheni amaqunube esiza kuwaphathela uNobukhwebezane njengesiphobu."

La mantombazana mathathu akha amaqunube awazalisa ingxowa. Ubuso bawo bancuma kwakhona njengoko ayebaleka ebuyela emlanjeni. Njengoko ayesondela, eva ingoma emnandi ayiqhelileyo:

*"Ma-Afrika phakamani ... iKwanzaa ifikile!"*

*Siphana izipho ezihle ... sibonisane ukuba siyathandana!"*

*Yizani neziqhamo, inyama namarhewu.*

*Masityeni, sibhiyoze kunye ... bonisanani ukuba niyathandana!"*

"UNobukhwebezane ubuyile! Inkosazana yamanzi ibuyile!" bakhwaza besitsho, bebaleka ukuya eludinini lomlambo.

UNobukhwebezane wayehleli phezu kwelitye eludinini lomlambo, encumile.

"Nkosazana, sicela uxolo ngokungazenzisiyo ngokungathi enkosi ngeziphobu zakho zeziqhamo nemifuno!" watsho uMalaika.

"Ewe, Nobukhwebezane, sicela uxolo. Sixolele torho," wacenga watsho uKhwezi.

"IKwanzaa lixesha lokuphona izipho. Namhlanje sikuphathele isiphobu!" watsho uLubo, enika uNobukhwebezane ingxowa ezele amaqunube.

UNobukhwebezane wajonga ngaphakathi kwalo ngxowa waza wancuma. "La maqunube abonakala emnandi. Enkosi, bahlobo!"

"Siyabulela nakuwe, Nkosazana, ngeziphobu obusipha zona yonke le minyaka ngeKwanzaa. Enkosi," watsho uMalaika eneentloni.

"Bahlobo bam, ... iKwanzaa lixesha lokupha, imivuyo, uxolo nothando! Khanisondele, ndifuna ukunifundisa ingoma entsha!" Emva koko uNobukhwebezane wacula wathi:

*"Bulela qho, uthande qho ibe uza kuphiwa!"*

*Bulela qho, uthande qho ibe uza kuphiwa!"*

*Bulela qho, uthande qho! Zisoloko zilungile ezi zinto!"*

"Khawulezani nigoduke ke ngoku," watsho. "Ixesha selixhatshwe yinja! Thathani nazi iibhaskithi zeziqhamo nemifuno. Kulindwe nina."

"Enkosi, Nkosazana Yamanzi. Siyabulela, Nobukhwebezane!" atsho la mantombazana.

"Nihambe kakuhle! Niyonwabele iKwanzaa!" wakhwaza esitsho uNobukhwebezane.

"Nawe, Nkosazana! Siyabulela!" akhwaza la mantombazana.

Xa efika ekhaya, abantu belali babesele bewalindle. "Siyabulela, zintombi. Ingathi nize neziqhamo nemifuno engakumbi kunangaphabili. Enkosi!" yatsho inkosi yelali.

Athi akuva loo nto la mantombazana, ajongana ... aza ancuma. Ayesazi ukuba uNobukhwebezane wayewaxolele. "Enkosi, Nkosazana," asebeza esitsho.



## Yenza ibali linike umdla!

- ★ Ngaba intsapho okanye abantu bendawo ohlala kuyo bakhe bathathe inxaxheba kumbhiyoze owenzelwe ngokukhethekileyo ama-Afrika okanye abemi boMzantsi Afrika? Yintoni igama lawo kwaye kutheni ubhiyozelwa?

- ★ Hlobo luni lweziqhamo nemifuno enidla ngokuba nazo kwimibhiyoze yenu? Zoba ezinye zezo ziqhamo nemifuno.
- ★ Ziqambe ingoma apho ubulela khona ngezinto ezintle ozifumana suku ngalunye.



Drive your  
imagination





# Nobukhwebezane, the water princess

By Luyanda Sikhakhane ■ Illustrations by Natalie and Tamsin Hinrichsen



Every year, in December, it was time for the Kwanzaa festival – a time when families met and shared food and gifts. And every year, before dawn, Khwezi, Lubo and Malaika would get up and go down to the river. On their way, they would sing beautiful songs and pick blackberries.

The three girls were always very excited, because on this day, they would find the water princess, Nobukhwebezane, waiting for them at the river. As they got closer, they could hear her beautiful voice singing:

*"Africans arise ... Kwanzaa has come!*

*We give each other beautiful gifts ... we show each other love!*

*Bring fruit, meat and amahewu.*

*Let's eat, celebrate together ... show each other love!"*



The girls would sit on the riverbank and listen to the song. Then, at sunrise, Nobukhwebezane would give them baskets full of vegetables and fruits to take home to their village.

"Stay well, Water Princess!" they would

call as they ran home so that the villagers could prepare a feast for the Kwanzaa celebrations.

But something always troubled Nobukhwebezane. "I wonder why those girls don't thank me when they take the baskets of fruits and vegetables?" she asked herself as she sat alone.

Back at the village, everyone would gather at the chief's home, wearing bright, colourful clothes. Besides the fruits and vegetables from the water princess, the villagers would bring grain and meat, and they would cook together while the children played.

After the villagers had feasted, they exchanged gifts, and sang and danced. The older people took turns telling their favourite folktales.

One year, when Kwanzaa arrived, Khwezi, Lubo and Malaika woke up and rushed to the river as usual, singing and picking blackberries along the way. As they neared the river, they realised that something was wrong. They couldn't hear Nobukhwebezane singing.

"Could Nobukhwebezane still be asleep?" wondered Malaika.

"Maybe she's not well," suggested Khwezi.

"Perhaps she forgot that today is the start of Kwanzaa," said Lubo.

When they reached the river, Nobukhwebezane was nowhere to be seen.

Suddenly, a bright light blinded their eyes. Then, a loud and frightening voice said, "Whoever is given something must say thank you! That is good manners!" Then the light disappeared, and only the rising sun behind the hills in the distance remained. The girls felt terrible when they realised what they had forgotten to do.

"We never thank Nobukhwebezane for the Kwanzaa gifts! We always leave in a hurry," said Lubo sadly.

With heavy hearts, they slowly started walking back home.

"What are we going to say when we arrive back at the village empty-handed?" asked Malaika.

Khwezi turned to her friends and said, "Friends, ... we must go back and apologise to the water princess."

"But Nobukhwebezane doesn't want anything to do with us. She doesn't want to see us!" said Lubo, feeling hopeless.

"I agree with Khwezi," said Malaika. "We have to go back and apologise. Even if we don't find Nobukhwebezane there, we can leave a message for her with the fish."

"Good idea," said Lubo, starting to feel better. "I know, on our way back to the river, we can pick blackberries as a gift for Nobukhwebezane."

The three girls picked a bag full of blackberries. Their faces were smiling again as they ran back down to the river. As they got closer, they heard the sweet song they knew so well:

*"Africans arise ... Kwanzaa has come!*

*We give each other beautiful gifts ... we show each other love!*

*Bring fruit, meat and amahewu.*

*Let's eat, celebrate together ... show each other love!"*

"Nobukhwebezane is back! The water princess is back!" they shouted, running to the edge of the river.

Nobukhwebezane was sitting on a rock close to the riverbank, smiling.

"Princess, we are really sorry for never saying thank you for your gifts of fruits and vegetables!" said Malaika.

"Yes, Nobukhwebezane, we apologise. Please forgive us," begged Khwezi.

"Kwanzaa is a time for giving gifts. Today we have a gift for you!" said Lubo, reaching out to give Nobukhwebezane the bag full of blackberries.

Nobukhwebezane looked inside the bag and smiled. "These blackberries look delicious. Thank you, friends!"

"We are also thankful to you, Princess, for the gifts that you have given us year after year at Kwanzaa. Thank you," Malaika said shyly.

"My friends, ... Kwanzaa is a time of giving, joy, peace and love! Come close, I want to teach you a new song!" Then Nobukhwebezane sang:

*"Always be thankful, always love and you will receive in return!*

*Always be thankful, always love and you will receive in return!*

*Always be thankful, always love! These are always good!"*

"Now, hurry home," she said. "It's getting late! Here are the baskets of fruits and vegetables. They are waiting for you."

"Thank you, Water Princess. Thank you, Nobukhwebezane!" said the girls.

"Go well! Happy Kwanzaa!" shouted Nobukhwebezane.

"To you too, Princess! Thank you!" shouted the girls.

When the girls arrived home, the villagers were already waiting for them. "Thank you, girls. It looks like you brought more fruit and vegetables than ever before. Thank you!" said the chief of the village.

When the girls heard this, they looked at each other ... and smiled. They knew that Nobukhwebezane had forgiven them. "Thank you, Princess," they whispered.



## Get story active!

- ★ Does your family or community take part in a celebration that is specifically African or South African? What is it called and what is celebrated?
- ★ What kinds of fruits and vegetables do you often have at your celebrations? Draw some of these fruits and vegetables.

- ★ Make up your own song in which you say thank you for the good things that you receive each day.



# Okokuzonwabisa kwakwaNa'ibali

## Na'ibali fun

1.

### Qhekeza ikhowudi!

Ingaba uNeo nabahlobo bakhe baza kuchiitha ixesha ngokwenza ntoni kwezi holide? Sebenzisa itheyibhile eblowu yokuqhekeza ikhowudi ukuze ikuncedise ekufumaniseni oko.

1. UNeo uza kuya kukhenketho lwe (19, 15, 11, 1) kwiveki yokuqala yeeholide.
2. UMbali uyaphuma uya e (6, 1, 13, 1) nabanye abantwana bakaMakhulu beziko lokhathalelo lwemfundo.
3. UBella uza ku (6, 21, 14, 4, 5, 12, 1) uNoodle aze aye kudlala naye nezinye izinja e (16, 1, 11, 9, 14, 9)
4. UHope unenxanxheba kukhuphiswano lwe (11, 1, 18, 1, 20, 9)
5. UAfrika noDintle baza kuncedisa umama wabo ngoku (2, 8, 1, 11, 1) iikayiki nemiqhathane yendawo yakhe yokuthengisa kwintengiso yasebusika.
6. UPriya uhamba nodadewabo ukuya kwindibano yamabali e (12, 1, 25, 9, 2, 18, 1, 18, 9)
7. UJosh uncacedisa ngokuqhuba (9, 14, 11, 17, 21, 2, 15) (25, 5, 8, 15, 12, 9, 4, 5) yabantwana abancinane esikolweni sakhe.

### Crack the code!

What are Neo and his friends going to spend time doing during the holidays? Use the blue code-breaker table to help you find out.

1. Neo is going on a (19, 15, 3, 3, 5, 18) tour for the first week of the holidays.
2. Mbali is going on an outing to a (6, 1, 18, 13) with the other children at Gogo's educare centre.
3. Bella is going to (18, 5, 1, 4) to Noodle and take him to play with the other dogs at the (16, 1, 18, 11)
4. Hope is taking part in a (11, 1, 18, 1, 20, 5) competition.
5. Afrika and Dintle are going to help their mother to (2, 1, 11, 5) cakes and biscuits for her stall at the winter fair.
6. Priya is going with her sister to a story workshop at the (12, 9, 2, 18, 1, 18, 25)
7. Josh is helping to run a (8, 15, 12, 9, 4, 1, 25) (16, 18, 15, 7, 18, 1, 13, 13, 5) for the younger children at his school.

A	B	C	D	E	F	G	H
1	2	3	4	5	6	7	8
I	J	K	L	M	N	O	P
9	10	11	12	13	14	15	16
Q	R	S	T	U	V	W	X
17	18	19	20	21	22	23	24
Y	Z						
25	26						

2.

### Sebenzisa uthelekelelo ukuze ugqibezele eli bali. Libalisele umhlobo okanye umzali ibali lakho.

Wonke umntu wayecinga ukuba uMama uEsther ligqwirha. Wayehlala yedwa kwindlu yakhe encinci kwaye esiya edolophini kuphela ukuze athenge ukutya angakwaziyo ukukulima egadini yakhe. Akakho umntu owayethetha naye, naye wayengathethi namntu.

Ngoko xa uphahla lwendlu kaMama uEsther lwemka nomoya wesaghwithi, akukho mntu wezayo ukuzomnceda. Abantu bedolophu babenyusa iikhola zeedyasi baze bagqume amehlo abo ngeminqwazi ukuze bangayiboni indlwana yakhe eyonakeleyo xa bedlula.

Kodwa kukho umfana ogama linguGeorge owacinga ukuba lixesha lokwenza into ngoMama uEsther ...

### Use your imagination to complete the story. Tell a friend or parent your story.

Everyone thought Mama Esther was a witch. She lived alone in a small house and only went to town to buy food she could not grow in her garden. No one spoke to her, and she spoke to no one.

So when Mama Esther's roof blew off during a storm, no one came to help her. The townspeople pulled their coat collars up high and their hats down low so they would not have to look at her broken little house when they walked by. But there was one young man named George who thought it was time to do something about Mama Esther ...

Impendulo: 1. soka 2. fama 3. fundela, pakini 4. karati 5. bhaka 6. layibrari 7. inkqubo yeholide  
Answers: 1. soccer 2. farm 3. read, park 4. karate 5. bake 6. library 7. holiday programme

Ungalibali ukuba siza kuthatha ikhefu de kube yiveki yokuqala kaFebruwari 2024. Nibe neeholide ezimnandi nize nisijoyine kunyaka omtsha ukuze nifumane ubumnandi obungakumbi bokufunda noNa'ibali! Okwangoku, ndwendwelani kwiwebhusayithi ethi [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye niithumele ngoWhatsApp igama elithi "amabali" kwinombolo ethi 0600 44 22 54 ukuze niqhubeke nifundela ukuzonwabisa!

Don't forget that we will be taking a break until the first week of February 2024. Enjoy the holidays and join us in the new year for more Na'ibali reading magic! In the meantime, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or WhatsApp "stories" to 0600 44 22 54 to keep reading for enjoyment!

AbakwaNa'ibali bakhona ukuze bakunike inkuthazo nenkxaso. Qhagamshelana nathi nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo: Na'ibali is here to motivate and support you. Contact us in any of these ways:

- [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)
- [nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)
- [@nalibaliSA](https://www.instagram.com/nalibaliSA)
- [@nalibaliSA](https://www.tiktok.com/@nalibaliSA)

Produced by The Na'ibali Trust. Translation by Mosekela Solutions. Na'ibali character illustrations by Rico.



Drive your imagination

